Province of the
EASTERN CAPE
TRANSPORT

# INCWADANA YE-PAIA

## Ilungelelaniswe ngokwecandelo lama-14 LoMthetho wokukhuthaza ukufikelela kwiinkcukacha (uMthetho nombolo 2 ka-2000 njengoko ufakelwe izilungiso)

# IZIQULATHO


1. ULUHLU LWEZISHUNQULELO NEZIFINYEZO........ 3

2. INJONGO YENCWADANA YE-PAIA........ 4

3. UKWAKHEKA KWESEBE LEZOTHUTHO........ 5

4. ISITRAKTSHA SESEBE LEZOTHUTHO NEMISEBENZI YASO........ 7

5. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZESEBE LEZOTHUTHO........ 8

6. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZINGUNDOQO........ 9

7. USENZA NJANI ISICELO SOKUFIKELELA KWIINKCUKACHA........ 10

8. UNCEDO OLUFUMANEKAYO........ 13

9. ISIKHOKELO SOMLAWULI WEENKCUKACHA........ 14

10. IZIHLOKO APHO ISEBE LEZOTHUTHO LIGCINE IIREKHODI........ 16

11. IIREKHODI EZIGCINWE LISEBE LEZOTHUTHO EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUFAKWA KWESICELO SOKUFIKELELA KUZO NGUMNTU........ 17

12. IINKONZO EZIFUMANEKAYO EBANTWINI NOKUBA LUFUMANEKA NJANI UFIKELELO KWEZO NKONZO ........ 19

13. UKUTHATHA INXAXHEBA KOLUNTU EKUQULUNQWENI KOMGAQO-NKQUBO OKANYE EKUSEBENZISENI AMAGUNYA OKANYE EKWENZIWENI KWEMISEBENZI LISEBE LEZOTHUTHO........ 19

14. UKUQWALASELWA KWEENKCUKACHA ZOMNTU ZOBUQU........ 19

15. UKUFUMANEKA KWENCWADANA........ 23

16. UKUHLAZIYWA KWENCWADANA ........ 24

ISIHLOMELO A – IFOM 2........ 25

ISIHLOMELO........ 29

B –IFOM 3........ 30

ISIHLOMELO C – UMRHUMO........ 32

ISIHLOMELO D – ISIBHENO SANGAPHAKATHI........ 34

ISIHLOMELO E – ISIKHALAZO........ 37

## 1. ULUHLU LWEZISHUNQULELO NEZIFINYEZO

1.1 “**ISEBE**” ISebe lezoThutho leMpuma Koloni

1.2 **“INTLOKO YESEBE”** INtloko yeSebe (eliGosa leNgcaciso kwiSebe lezoThutho)

1.3 **“DIO”** ISekela leGosa leNgcaciso

1.4 “**ISIKHOKELO**” Isikhokelo se-PAIA soMlawuli weeNkcukacha

1.5 “**IO**” IGosa leNgcaciso

1.6 “**INCWADANA**” INcwadana ye-PAIA yeSebe lezoThutho leMpuma Koloni

1.7 “**DOT**” ISebe lezoThutho leMpuma Koloni

1.8 “**PAIA**” UMthetho wokukhuthaza ukufikelela kwiinkcukacha (uMthetho nombolo 2 ka-2000)

1.9 “**IINKCUKACHA ZOMNTU ZOBUQU**” Iinkcukacha ezinxulumene nomntu onokwaziwa ukuba ungubani ngokudalwa njengoko kuchaziwe kwicandelo loku-1 le-PAIA

1.10 “**PFMA**” UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente onguNombolo 1 ka-1999

1.11 “**POPIA**” UMthetho woKhuseleko lweeNkcukacha zoMntu onguNombolo 4 ka-2013

1.12 “**UMLAWULI**” UMlawuli weeNkcukacha

1.13 “**UMFAKI-SICELO**” Nawuphi na umntu owenza isicelo sokufikelela kwirekhodi yelo qumrhu likarhulumente okanye umntu omele umntu owenza isicelo sokufikelela kwirekhodi.

## 2. INJONGO YENCWADANA YE-PAIA

Le Ncwadana ye-PAIA iluncedo kuluntu-

2.1 ukukhangela iirekhodi ezinokuba sezifumaneka kwiSebe lezoThutho ngaphandle kokufaka isicelo esisesikweni se-PAIA

2.2 ukuqonda ukuba ungasenza njani isicelo sokufikelela kwiirekhodi zeSebe lezoThutho;

2.3 ukufikelela kuzo zonke iinkcukacha zoqhagamshelwano zabantu abaza kunceda uluntu ngeerekhodi olujolise ukufikelela kuzo;

2.4 ukwazi ngoncedo olufumanekayo kwiSebe lezoThutho ngokuphathelene nesicelo sokufikelela kwiirekhodi, phambi kokuya kuMlawuli okanye kwiiNkundla zamatyala;

2.5 ukwazi inkcazelo yeenkonzo ezifumaneka kumalungu oluntu kwiSebe lezoThutho kunye nokuba ukufumana njani ukufikelela kwezo nkonzo;

2.6 ukufumana inkcazelo yesikhokelo ekubeni uyisebenzisa njani i-PAIA njengoko ihlaziywe nguMlawuli kunye nokufumana ukufikelela kuyo;

2.7 ukwazi ukuba iSebe lezoThutho liza kusingatha iinkcukacha zobuqu zomntu, injongo yokusingatha iinkcukacha zobuqu zomntu kunye nenkcazelo yodidi lwabantu abachatshazelwa yidatha kunye kunye neenkcukacha okanye udidi lweenkcukacha ezinxulumene noko;

2.8 ukwazi ukuba iSebe lezoThutho licwangcise ukudlulisela okanye ukuthumela iinkcukacha zomntu zobuqu ngaphandle kweRiphabhliki yoMzantsi Afrika na, kunye nabamkeli okanye iindidi zabamkeli ekunokuthi kunikezelwe kubo iinkcukacha zomntu zobuqu; kunye

2.9 nokwazi ukuba iSebe lezoThutho linamanyathelo okhuseleko afanelekileyo ukuqinisekisa ubumfihlo, intembeko kunye nokufumaneka kweenkcukacha zomntu zobuqu eziza kuqwalaselwa.

## 3. UKUSEKWA KWESEBE LEZOTHUTHO

ISebe lezoThutho laseMpuma Koloni njengoko kuchaziwe kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika uMthetho, ka-1993 (uMthetho wama-200 ka-1993) endaweni yawo nguMthetho ka-1996, (uMthetho we-108 ka-1996), unoxanduva lokwandisa igalelo lezothutho kwiinjongo zophuhliso lwezoqoqosho nezentlalo yoluntu ngokubonelela ngemisebenzi yezothutho ehlangeneyo ngokupheleleyo neziseko ezingundoqo. Ke ngoko igunyaziswe koku kulandelayo phakathi kwezinye:

- UMgaqo-siseko 108 ka-1996: IShedyuli yesi-4: Izikhululo zeenqwelo-moya (ngaphandle kwamazwe ngamazwe nesizwe), iMimiselo yezoThutho eziNdleleni, ukukhutshwa kweelayisenisi zeenqwelo-mafutha kunye noThutho lukaWonke-wonke yimimandla esebenzayo yowiso-mthetho lwesizwe nolwephondo. Izikhululo zeenqwelo-moya zikaMasipala, iZithuthi zikawonke-wonke zikaMasipala, iiPontoni, izikhitshana, ii-pier kunye namazibuko ziindawo ezisebenzayo zobuchule besizwe kunye nephondo bokusebenza koomasipala;
- IShedyuli yesi-5: Iindlela zePhondo kunye neZithuthi yimimandla esebenzayo enobuchule obukhethekileyo bowiso-mthetho lwephondo. Iindlela zikamasipala, iziThuthi kunye nokuPaka, ukuKhanya kwezitalato kunye noRhwebo lwaseSitalatweni ligunya elikhethekileyo lephondo ekusebenzeni koomasipala.
- UMthetho weSizwe weziThuthi ezihamba eMhlabeni, ka-2009 (uMthetho. onguNombolo 5 ka-2009
- UMthetho wezeNdlela weSizwe (uMthetho onguNombolo 93 ka-1996)
- UMthetho weeNdlela weMpuma Koloni onguNombolo 3 ka-2003
- IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe – uMbono wama-2030 (NDP)
- IsiCwangciso soPhuhliso sePhondo sowama-2019 – 2024
- IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weSizwe wezoThutho, ka-1996
- INkqubo-sikhokelo yesiCwangciso-Qhinga sezoThutho seNdlela seSizwe, sika-2007
- IsiCwangciso seSizwe sezoThutho (NATMAP), 2005-2050

**INJONGO**

"Inkqubo yezothutho esebenzayo, ekhuselekileyo, ezinzileyo, efikeleleka lula nefikelelekayo".

**IMISHINI**

"Ukubonelela, ukuququzelela uphuhliso, ukulawula kwaye kuphuculwe inkqubo edityanisiweyo yezothutho ekhuselekileyo, efikelelekayo nethembekileyo edityaniswe nokusetyenziswa komhlaba ukuqinisekisa ukuhamba kakuhle kwabantu neempahla ukuxhasa ukukhula koqoqosho nophuhliso kwiPhondo leMpuma Koloni"

**IINQOBO**

Iinqobo ezisemgangathweni zeSebe zixhomekeke kwiintsika zoku:

**Ukuzibophelela** ISebe liza kuzama ukugqithisa obekulindelekile ekunikezeleni ngenkqubo yezothutho esebenzayo, ekhuselekileyo, ezinzileyo, efikelelekayo nekulula ukufikelela kuyo. ISebe liza kusebenza ngokungxamisekileyo nangokuzibophelela ukuze libe yimpumelelo ngokweembono zabasebenzi nezesebe.

**Ukuphendula** Ngawo onke amaxesha sisebenza ngentembeko, sibonelela ngenkonzo esemgangathweni, sithembekile kwaye sithatha uxanduva.

**Intsebenziswano** Ukusebenzisana kunye nokwenza indawo yethu yokusebenza ibe mnandi kwaye yonwabise. Sisebenzisana nabanye kunye nabathathi-nxaxheba bethu ngenzondelelo nombulelo.

**Ulawulo oluLulo** ISebe likhuthaza ukuthenjwa koluntu kunye nentatho-nxaxheba eyenza ukuba iinkonzo ziphucuke. ISebe liya kuzama ukubambelela kwiinqobo ezintandathu ezingundoqo wolawulo olululo, oko kukuthi:

- Ukujolisa kwinjongo yeSebe nakwiziphumo zabemi kunye nabasebenzisi benkonzo
- Ukwenza umsebenzi ngokufanelekileyo kwimisebenzi echazwe ngokucacileyo kunye neendima
- Ukukhuthaza iinqobo ezisemgangathweni kwisebe lonke kunye nokubonisa iinqobo zolawulo olululo ngokuziphatha

– Ukuthatha izigqibo ezinolwazi, ezicacileyo kunye nokulawula umngcipheko


Ukuphuhlisa amandla kunye nokukwazi ukusebenza ngempumelelo

– Ukubandakanya abachaphazelekayo kunye nokwenza uxanduva lokwenene

## 4. ISITRAKTSHA SESEBE LEZOTHUTHO NEMISEBENZI YASO

### 4.1. Isitraktsha

ISebe lezoThutho lakhiwe ngokweenkqubo ezintlanu ukuzalisekisa isigunyaziso salo njengoko kuchaziwe apha ngasentla.



## 5. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZESEBE LEZOTHUTHO

| **KWANDLUNKULU** | |
|---|---|
| **Idilesi yeposi** | Eastern Cape Department of Transport<br>Private Bag X0023<br>**BHISHO**<br>5605<br>Eastern Cape |
| **Idilesi yesakhiwo** | Eastern Cape Department of Transport<br>c/o Fleming Street & Cowan Close<br>Stellenbosch Park, Schornville<br>**KING WILLIAM'S TOWN**<br>5601<br>Eastern Cape |
| **Idilesi ye-imeyili** | reba.nkau@ectransprt.gov.za |
| **IWEBHUSAYITHI** | https://ectransport.gov.za/ |

## 6. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZINGUNDOQO

| IGOSA LENGCACISO[1] | IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO |
|---|---|
| Mr A Fani<br>INTLOKO YESEBE<br>ISebe lezoThutho | Office of the HOD<br>Eastern Cape Department of Transport<br>c/o Fleming Street & Cowan Close<br>Stellenbosch Park, Schornville<br>**KING WILLIAM'S TOWN**<br>5601<br>Eastern Cape<br>Tel: 066 485 0870<br>Email: Andile.Fani@ectransport.gov.za<br>reba.nkau@ectransport.gov.za |

6.1. Izicelo mazingeniswe ngesandla okanye zithunyelwe nge-imeyili kwiGosa leNgcaciso leSebe lezoThutho, elithe lanikwa amagunya liGosa leNgcaciso lePhondo ukuba liqwalasele zonke izicelo egameni leSebe lezoThutho.

6.2. Abafaki-zicelo bayakhuthazwa ukuba bathumele izicelo zeenkcukacha nge-imeyili apho kunokwenzeka. Xa iinkonzo zeposi zisetyenziswa, kunyanzelekile ukuba kusetyenziswe imeyili ebhalisiweyo. Kubalulekile ukuba ubungqina bemeyili ebhalisiweyo bugcinwe kwaye bunikezwe xa buceliwe.

6.3. Xa iileta zingeniswa ngesandla, kucelwa kuqinisekiswe ukuba iileta zifakwe isitampu kwaye ziyasayinwa kwiSebe lezoThutho njengobungqina bokuyingenisa kunye nomhla wazo.

## 7. USENZA NJANI ISICELO SOKUFIKELELA KWIINKCUKACHA

7.1. **Inkqubo**

7.1.1. Umfaki-sicelo kufuneka agcwalise **iFom 2** eqhotyoshelweyo njenge**Sihlomelo A** aze ayingenise, izaliswe ngokufanelekileyo, kwiSekela leGosa leeNgcaciso elichaphazelekayo kwidilesi enikelwe kumhlathi 6 apha ngasentla ukwenzela ukuba umfaki-sicelo akwazi ukuphenduleka.

7.1.2. IGosa leNgcaciso kufuneka lincedise umfaki-sicelo ukuba umfaki-sicelo ufuna uncedo ngenkqubo okanye ngokuzalisa iifom, kubandakanywa nabafaki-zicelo abangafundanga okanye abakhubazekileyo.

7.1.3. Ifom engeniswe kwiGosa leNgcaciso kufuneka iqulathe zonke iinkcukacha ezifanelekileyo ukuze iSekela leGosa leNgcaciso likwazi ukuchonga iinkcukacha ezithile eziceliweyo.

7.1.4. Umfaki-sicelo kufuneka kwakhona abonise ukuba ngaba ufuna ukufumana ikopi yerekhodi, ukufunda irekhodi kwi-ofisi yeSebe lezoThutho okanye, kungenjalo, ukukhusela irekhodi ngolunye uhlobo olukhoyo.

7.1.5. Isicelo akufuneki sibe seserekhodi eziphantsi kwezizathu zokwaliwa njengoko kubonelelwe phantsi kweSahluko sesi-4 se-PAIA.

7.1.6. Ukuba, ngenxa yezizathu ezibambekayo, ufikelelo alunakunikwa ngendlela efunwayo kodwa lube ngolunye uhlobo, umrhumo kufuneka ubalwe ngokwendlela umfaki-sicelo ebenze ngayo kuqala.

7.1.7. Umfaki-sicelo kufuneka abonise indlela anqwenela ukwaziswa ngayo ngesigqibo seGosa leNgcaciso malunga nesicelo seenkcukacha ngendlela ethile (o.k.t. iposi, ifaksi, i-imeyili) kwaye kufuneka ke ngoko anike iinkcukacha eziyimfuneko ukuze aziswe ngolo hlobo. Kucelwa nijonge amanqaku abalulekileyo ngokumalunga nokusetyenziswa konxibelelwano lweposi kumhlathi 6 apha ngasentla njengoko kubaluleke kakhulu ukufumana nokuqwalaselwa kwezicelo.

7.1.8. Ukuba umfaki-sicelo ucela iinkcukacha egameni lomnye umntu, amandla kunye nobungqina begunya esenziwa phantsi kwalo isicelo kufuneka lubonakaliswe ngendlela eyanelisa iSekela leGosa leNgcaciso, kwaye loo myalelo kufuneka ubhalwe kwaye usayinwe ngokufanelekileyo.

7.1.9. IGosa leNgcaciso kufuneka lenze isigqibo kwiintsuku ezingama-30 emva kokufumana isicelo kwaye lazise umfaki-sicelo ngesigqibo.

7.1.10. IGosa leNgcaciso linokwandisa ixesha leentsuku ezingama-30 kube kanye ixesha elingaphezulu elingekho ngaphezulu kweentsuku ezingama-30. ISebe lezoThutho kufuneka lazise umfaki-sicelo ngolo hlobo lolwandiso kunye nezizathu, ke ngoko.

7.2. <u>**Amaxwebhu amakaqhotyoshelwe afunekayo:**</u>

Umfaki-sicelo kufuneka anikwe ufikelelo kwiirekhodi zeSebe lezoThutho ukuba eso sicelo sihambelana nazo **zonke iimfuno zenkqubo**, ngaphandle kokuba ukufikelela kuloo rekhodi akwaliwa nangayiphi na imihlaba njengoko kubonelelwe kwiSahluko sesi-4 se-PAIA.

7.2.1. **IFom yesi-2** ezaliswe ngokupheleleyo **(iSihlomelo A).**

7.2.2. Ukuba isicelo senziwa egameni lomnye umntu okanye umntu onamalungelo ngokomthetho, ubungqina besikhundla aphi umfaki-sicelo esenza ngaso isicelo, kufuneka buncanyathiselwe kwiFom yesi-2.

7.2.3. Ikopi eqinisekisiweyo yesazisi somfaki-sicelo.

7.2.4. Ubungqina bentlawulo yomrhumo ofunekayo.

7.3. **Imirhumo**

7.3.1. Umrhumo wesicelo ongabuyiswayo oyi-**R100.00** (okanye onokuthi ulungiswe kumaxesha ngamaxesha ngesaziso esibhaliweyo) uyahlawulwa ngokusingise kwisicelo ngasinye sokufikelela kwiinkcukacha okanye kwisibheno sangaphakathi esifakwe kwiGosa leNgcaciso.

7.3.2. Xa iSebe lezoThutho lifumana isicelo, umfaki-sicelo kufuneka aziswe, kusetyenziswa **iFom 3 (iSihlomelo B)** ukuba isicelo sivunyiwe okanye asivunywanga kwaye ukuba isicelo sivunyiwe, umfaki-sicelo kufuneka aziswe ukuba ahlawule idipozithi yofikelelo emiselweyo (ukuba ikho) njengoko kucacisiwe **kwiSihlomelo C,** phambi kokuba kuqwalaselwe ngakumbi isicelo.

7.3.3. Ukuxolelwa ekuhlawuleni kunokuvunywa ngokumalunga nabafaki-zicelo abafikelelayo kwiinkqubo zokuxolelwa ekuhlawuleni njengoko kumiselwe yi-PAIA. Oku kuxolelwa akusebenzi kubantu abamelwe ngokusemthethweni, naphantsi kweemeko apho izivumelwano zentlawulo yokungekehli kuye kwangenwa kuzo ngumfaki-sicelo kunye nokumelwa kwakhe ngumthetho.

7.3.4. Ukufikelela kwikopi yeerekhodi kuya kwalelwa de yonke imirhumo efunekayo ibe ihlawulwe ngokupheleleyo. Kukho imo eyahlukileyo Kubafaki-zicelo abaxolelweyo ekuhlawuleni kwangaphambili kulo mba.

7.3.5. Umfaki-sicelo ongonelisekanga ngumrhumo ofunwayo unokufaka isibheno sangaphakathi ngokuchasene neso sigqibo, njengoko kuchaziwe kumhlathi 8.1 ngezantsi.

7.3.6. Imirhumo kufuneka ihlawulwe kwiakhawunti yebhanki yeSebe lezoThutho. Idiphozithi mayibhalwe ngokuchanekileyo, kwaye ubungqina bentlawulo nganye kufuneka bungeniswe kwiSebe lezoThutho.

7.3.7. Iinkcukacha zebhanki ngemirhumo ye-PAIA yeSebe lezoThutho zinokucelwa kwi-ofisi yeNtloko yeSebe.

## 8. UNCEDO OLUFUMANEKAYO

### 8.1. <u>Isibheno sangaphakathi</u>

8.1.1. Apho umfaki-sicelo angonelisekanga sisiphumo sesicelo sokufikelela kwiinkcukacha, umfaki-sicelo unokufaka isibheno sangaphakathi ngokuchasene nesigqibo seGosa leNgcaciso ngokuzalisa nokuhambisa **iFom 4 (iSihlomelo D)** kwisithuba seentsuku ezingama-60 kuMphathiswa wePhondo.

8.1.2. Isibheno sangaphakathi singafakwa ngokuchasene naso nasiphi na kwezi zigqibo zilandelayo zeGosa leNgcaciso:

8.1.2.1. Ukwala isicelo sofikelelo
8.1.2.2. Imirhumo ebizwayo
8.1.2.3. Ukwandiswa kwexesha lokujongana nesicelo; kunye
8.1.2.4. Nokufikelela ngendlela ethile.

8.1.3. Umfaki-sicelo kufuneka ahlawule umrhumo omiselweyo wesibheno sangaphakathi oyi-R100 (apho kufanelekileyo) xa efaka isibheno. Isigqibo sesibheno sangaphakathi sinokuthi, nangona kunjalo, sirhoxiswe de umrhumo uhlawulwe.

8.1.4. Ngokukhawuleza okunokwenzeka, kodwa zingadlulanga iintsuku zokusebenza ezili-10 emva kokufumana isibheno sangaphakathi, iSekela leGosa leNgcaciso kufuneka lingenise isibheno sangaphakathi kuMphathiswa wePhondo wezoThutho.

8.1.5. UMphathiswa wePhondo kufuneka enze isigqibo ngesibheno sangaphakathi kwiintsuku ezingama-30 emva kokuba isibheno sangaphakathi sinikezelwe kwiGosa leNgcaciso.

### 8.2. <u>Isikhalazo kuMlawuli weeNkcukacha</u>

8.2.1. Umfaki-sicelo unokufaka isikhalazo kuMlawuli weeNkcukacha ngokuthi agcwalise ngokufanelekileyo kwaye anikezele nge**Fom 5 (isihlomelo E),** kodwa kuphela emva kokuba umfaki-sicelo esebenzise inkqubo

yangaphakathi yesibheno ngokuchasene nesigqibo seSekela leGosa leNgcaciso leSebe lezoThutho.

<u>**Ukuya eNkundleni yamaTyala**</u>

8.3.1. Nangona iSebe lezoThutho licebisa ukuba abafaki-zicelo bazame ukusombulula iingxabano malunga nokufikelela kwiinkcukacha ngaphandle kokuya kwiinkundla zamatyala, umfaki-sicelo unokuthi, ukuba usenengxaki, aye enkundleni emva kwenkqubo yesibheno sangaphakathi.

## 9. ISIKHOKELO SOMLAWULI WEENKCUKACHA

9.1. UMlawuli, ngokwecandelo le-10 (1) le-PAIA, uye wahlaziya waza wenza ukuba kufumaneke iSikhokelo esihlaziyiweyo sendlela yokusebenzisa i-PAIA (“IsiKhokelo”), ngendlela eqondakala lula nangendlela eqondakalayo, njengoko kunokufunwa ngokufanelekileyo ngumntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elixelwe kwi-PAIA ne-POPIA.

9.2. IsiKhokelo sifumaneka ngolwimi ngalunye kwiilwimi ezisemthethweni.

9.3. Esi siKhokelo sikhankanywe ngasentla siqulathe inkcazo-

9.3.1. iinjongo ze-PAIA kunye ne-POPIA;

9.3.2. idilesi yeposi neyesitalato, inombolo yomnxeba neyefeksi kwaye, ukuba ikhona, idilesi ye-imeyili ye-

9.3.2.1. Gosa leNgcaciso lwalo lonke iqumrhu likarhulumente, kunye

9.3.2.2. NeGosa leNgcaciso ngalinye lequmrhu likarhulumente ngalinye nelabucala elimiselwe ngokwecandelo 17(1) le-PAIA kunye necandelo lama-56 lePOPIA;

9.3.3. indlela kunye nohlobo lwesicelo -

9.3.3.1. sokufikelela kwirekhodi yequmrhu loluntu elixelwe kwicandelo 11; kunye

9.3.3.2. nokufikelela kwirekhodi yequmrhu labucala elikhankanywe kwicandelo 50;

9.3.4. uncedo olufumanekayo kwiGosa leNgcaciso lequmrhu likarhulumente ngokwe-PAIA ne-POPIA;

9.3.5. uncedo olufumanekayo kuMlawuli ngokwe-PAIA ne-POPIA;

9.3.6. lonke uncedo olukhoyo olusemthethweni malunga nesenzo okanye ukusilela ukwenza ngokubhekiselele kwilungelo okanye umsebenzi onikwe okanye obekwe yi-PAIA ne-POPIA, kubandakanywa nendlela yokufaka-

9.3.6.1. isibheno sangaphakathi;

9.3.6.2. isikhalazo kuMlawuli; kunye

9.3.6.3. nesicelo enkundleni esichasene nesigqibo segosa lengcaciso lequmrhu likarhulumente, isigqibo sesibheno sangaphakathi okanye isigqibo soMlawuli okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala;

9.3.7. amasolotya amacandelo 14 nelama-51 afuna ukuba iqumrhu likarhulumente kunye nequmrhu labucala, ngokulandelelanayo, liqulunqe incwadana, nendlela yokufumana ufikelelo kwincwadana;

9.3.8. amasolotya amacandelo 15 nelama-52 abonelela ngokubhengezwa ngokuzithandela kweendidi zeerekhodi liqumrhu likarhulumente kunye nequmrhu labucala, ngokulandelelanayo;

9.3.9. izaziso ezikhutshwe ngokwemigaqo yecandelo lama-22 nelama-54 malunga nemirhumo emayihlawulwe ngokunxulumene nezicelo zokufikelela; kunye

9.3.10. imimiselo eyenziwe ngokwecandelo lama-92. nemimiselo eyenziwe ngokwecandelo lama-92.

9.4. Uluntu lunokuhlola okanye lwenze iikopi zesiKhokelo kwii-ofisi zequmrhu likarhulumente okanye zabucala, kubandakanywa ne-ofisi yoMlawuli, ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza. IsiKhokelo sinokufumaneka-

9.4.1. ngokucelwa kwiGosa leNgcaciso;

9.4.2. kwiwebhusayithi yeSebe lezoThutho (https://ectransport.gov.za/)

## 10. IZIHLOKO APHO ISEBE LEZOTHUTHO LIGCINE IIREKHODI

| Izihloko apho iqumrhu ligcina iirekhodi | Iindidi zeerekhodi ezigcinwe kwisihloko ngasinye |
|---|---|
| Amaxwebhu eQhinga, iziCwangciso, iiNtetho kunye neeNgxelo ezisemthethweni | - IziCwangciso zoBuchule<br>- IsiCwangciso zokuSebenza zoNyaka<br>- IziCwangciso zokuSebenza<br>- iziCwangciso zokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo<br>- Iingxelo zoNyaka<br>- Iintetho zoMgaqo-nkqubo<br>- IiNtetho zoBume bePhondo; |
| UPhando | - IziCwangciso zoPhando<br>- Iingxelo zoPhando<br>- IiRekhodi zokuBeka iliso noVavanyo |
| Izixhobo zabasebenzi kunye neeNkonzo zokusebenza | - IMigaqo-nkqubo kunye neenkqubo ze-HR;<br>- Izithuba ezibhengeziweyo;<br>- Iirekhodi zokuqasha;<br>- Iirekhodi zabasebenzi;<br>- UkuFunda kunye noPhuhliso umz. iziCwangciso zoPhuhliso lweZakhono kunye noQeqesho;<br>- Isicwangciso soBulungisa kwezeNgqesho kunye neeNkcukacha manani;<br>- Iincwadana zeendaba;<br>- Ulwazi lweNkampani;<br>- Iingxelo zemidiya;<br>- Iintetho kunye neMiyalezo;<br>- Iiflaya zeMpilontle kunye neePowusta;<br>- Unxielelwano lokuchasana noBuqhophololo noRhwaphilizo;<br>- Iincwadana;<br>- Amaphetshana<br>- Umboniso wevidiyo wemisitho esemthethweni. |
| Uxwebhu ngezeMali | - Isiteyithimenti sezemali;<br>- Isiteyithimenti sezemali ezidityanisiweyo;<br>- Ingxelo yoPhicotho-zincwadi;<br>- Uhlahlo-lwabiwo mali; |

| Izihloko apho iqumrhu ligcina iirekhodi | Iindidi zeerekhodi ezigcinwe kwisihloko ngasinye |
|---|---|
| | Uxwebhu loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo nolubandakanya iinkcukacha zeethenda, izibhengezo zethenda, iirejista zethenda, ukufakwa kweebhidi, iingxelo zovavanyo lweebhidi, iingxelo zokugweba iithenda, iileta zokuqeshwa, iileta eziya kwabo beethenda abangaphumelelanga, kunye neerekhodi zolawulo lwee-asethi; |
| Amaxwebhu okusebenza | - Amaxwebhu oMgaqo-nkqubo kunye neNkqubo ypkusebenza;<br>- UNxibelelwano kunye neeRekhodi eziphathelele kwiNkqubo yokusebenza yeSebe lezoThutho. |
| Amaxwebhu eeNkonzo Zomthetho | - Iikhontrakthi<br>- Izimvo zoMthetho;<br>- Iirekhodi ezinxulumene nazo zonke iindlela zokuMangalelwa kunye neNkqubo yokuSombulula iiMbambano;<br>- Iinkcukacha-manani zokuMangalelwa, iiNcwada zeMfundo yokuMangalelwa;<br>- Imizuzu yeeNtlanganiso, ii-Ajenda;<br>- Umthetho;<br>- Amaxwebhu oMgaqo-nkqubo;<br>- IMigaqo yokuSebenza eMiselweyo;<br>- IiMathiriyeli zoqeqesho. |

## 11. IIREKHODI EZIGCINWE LISEBE LEZOTHUTHO EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUFAKWA KWESICELO SOKUFIKELELA KUZO NGUMNTU

Iirekhodi ezikwiwebhusayithi yeSebe lezoThutho https://www.ectransport.gov.za ziyafumaneka ukuze zibonwe okanye zikhutshelwe nokuba umntu akenzanga sicelo ngokwemiqathango yalo Mthetho.

| **Udidi** | **Uhlobo loxwebhu** | **Iyafumaneka kwiWebhusayithi** | **Iyafumaneka ngesicelo** |
|---|---|---|---|
| Iindaba | - Amanqaku eendaba kunye neengxelo | X | |
| Iinkcukacha jikelele | - IProfayili yoMphathiswa wePhondo<br>- Isigunyaziso<br>- ILogo | X | |
| Imidiya | - Iingxelo zeMidiya<br>- Iifoto<br>- Upapasho<br>- Iintetho<br>- Iividiyo | X | |
| Ukuthengwa kwempahla neenkonzo | - Amaxwebhu ebhidi<br>- Iifom | X | Iyafumaneka |
| Iselwa lolwazi | - Iingxelo<br>- Izicwangciso<br>- Iifom<br>- Uhlahlo-lwabiwo mali<br>- Imigaqo-nkqubo | X | |
| Imisebenzi | - I-Internship kunye noQeqesho<br>- Iibhasari<br>- Izithuba<br>- Isistim i-E-recruitment | X | |
| Umthetho iMimiselo | - UMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996 | X | |

| Udidi | Uhlobo loxwebhu | Iyafumaneka kwiWebhusayithi | Iyafumaneka ngesicelo |
|---|---|---|---|
| | - I-PFMA;<br>- Umthetho ojongene ngqo neSebe | | |

## 12. IINKONZO EZIFUMANEKAYO KUMALUNGU OLUNTU NOKUBA LUFUMANEKA NJANI UFIKELELO KWEZO NKONZO.

ISebe lezoThutho linoxanduva lokwakha nokugcina iziseko ezingundoqo zeendlela, ubonelelo lonyanzeliso lomthetho kunye neenkonzo zothutho loluntu. ISebe lezoThutho licebisana ngokubanzi kwaye lisebenzisana nabachaphazelekayo abohlukeneyo kwaye liququzelele kwaye longamele ukuphunyezwa kweeprojekthi kunye neenkqubo ezithile ezinxulumene nezothutho.

## 13. UKUTHATHA INXAXHEBA KOLUNTU EKUQULUNQWENI KOMGAQO-NKQUBO OKANYE EKUSEBENZISENI AMAGUNYA OKANYE EKWENZIWENI KWEMISEBENZI LISEBE LEZOTHUTHO

13.1. ISebe lezothutho liyinxalenye yesigqeba sikaRhulumente wePhondo leMpuma Koloni.

13.2. Apho ukuqulunqwa komgaqo-nkqubo kuya kukhokelela kuwiso-mthetho, iSebe lezoThutho licela uluntu ukuba luvakalise izimvo zalo ngalo mgaqo-nkqubo ngokupapashwa kwiGazethi yePhondo ukuze uluntu luhlomle kwaye likwaququzelela ukubanjwa kweendibano zovakaliso-zimvo.

13.3. Amalungu oluntu asenokuthi ngaphezu koko abe nefuthe ngokungangqalanga ekuqulunqweni komgaqo-nkqubo ngokunxibelelana nabameli babo abanyuliweyo nangokuzimasa iiseshoni zeNdlu yoWiso-mthetho yePhondo.

## 14. UKUQWALASELWA KWEENKCUKACHA ZOMNTU ZOBUQU

14.1. **Injongo zokuqwalaselwa**

ISebe lezoThutho liqwalasela iinkcukacha zomntu zobuqu ezinxulumene nokusebenza kunye nemisebenzi yeSebe lezoThutho, echazwe kumhlathi we-12 apha ngasentla

14.2. **Inkcazelo**

Inkcazelo yeendidi zabantu abachatshazelwa yidatha kunye neenkcukacha okanye iindidi zeenkcukacha ezinxulumene nazo zichazwe kwitheyibhile engezantsi:

| **Iindidi zabantu abachatshazelwa yidatha** | **Iinkcukacha zomntu zobuqu ezinokuqwalaselwa** |
|---|---|
| Umntu ngokudalwa | Igama kunye nefani; iinkcukacha zoqhagamshelwano (i(ii)nombolo zoqhagamshelwano), inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyili); indawo yokuhlala, idilesi yeposi kunye/okanye yeshishini; inombolo esisazisi eyenzelwe lo mntu kuphela; iinkcukacha zendawo okuyo; uhlanga; isini; ukukhulelwa; ubume obuxela ukuba utshatile okanye awutshatanga; ubuzwe, ubuhlanga okanye imvelaphi yentlalo; umbala, ukwaziswa ngezesondo; ubudala impilo yomzimba okanye yengqondo; ukuphila kakuhle; ukhubazeko; inkolo; isazela; inkolelo; inkcubeko; ulwimi; ukuzalwa; imbalelwano eyimfihlo; imfundo; imbali yezonyango, yezemali, yezolwaphulo-mthetho okanye yengqesho kubandakanywa nokunokuthi kufuneke kwiNkqubo yoBhaliso lweZigulane yeSebe lezeMpilo. |
| Umntu onamalungelo ngokomthetho; | Amagama abantu ekuqhagamshelwana nabo; igama lequmrhu lomthetho; idilesi yendawo kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano (i(ii)nombolo yoqhagamshelwano), inombolo yefaksi, idilesi ye-imeyill); inombolo yobhaliso; iinkcukacha ngezemali, ngezorhwebo, ngezenzululwazi okanye ngezobugcisa kunye neemfihlo zorhwebo. |

| Iindidi zabantu abachatshazelwa yidatha | Iinkcukacha zomntu zobuqu ezinokuqwalaselwa |
|---|---|
| Abasebenzi | Isini, ukukhulelwa; ubume obuxela ukuba utshatile okanye awutshatanga; uhlanga; ubudala, ulwimİ, iinkcukacha ngezemfundo (iziqinisekiso); iinkcukacha ngezemali; imbali yokuqeshwa; inombolo yesazisi; idilesi yendawo kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano (i(ii)nombolo yoqhagamshelwano), inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyili); ukuziphatha kulwaphulo-mthetho; intlalo-ntle kunye nezalamane zabo (amalungu osapho); uhlanga; ezonyango; isini; ubuzwe; imvelaphi yobuhlanga okanye yentlalo; ukwaziswa ngezesondo; ubudala, impilo yomzimba okanye yengqondo; intlalo-ntle; ukukhubazeka; inkolo; isazela; inkolelo; inkcubeko; ulwimİ; iinkcukacha zebhayometriki zomntu njengoko zifuneka kwimimiselo kunye nakwimigaqo- nkqubo yenkonzo karhulumente. |

14.3. **Abamkeli**

Abamkeli okanye iindidi zabamkeli apho iinkcukacha zomntu zobuqu zinokunikezwa kubo zidweliswe kwitheyibhile engezantsi:

| Udidi lweenkcukacha zomntu zobuqu | Abamkeli okanye Iindidi zabamkeli |
|---|---|
| Iinombolo zezazisi, amagama, iidilesi, imbali yengqesho kunye neyemfundo ukuhlola ulwaphulo-mthetho | IiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika kunye nezinye ii-arhente zogcino-mthetho |

| Udidi lweenkcukacha zomntu zobuqu | Abamkeli okanye Iindidi zabamkeli |
|---|---|
| Iziqinisekiso zemfundo, ukuqinisekisa iziqinisekiso zemfundo | UGunyaziwe weziQinisekiso zoQeqesho waseMzantsi Afrika |
| Iinombolo zezazisi, amagama kunye needilesi | Abanikezeli kunye nababoneleli ngenkonzo (kubandakanywa abameli bomthetho kwimiba yokumangalelwa) apho iSebe lezoThutho linobudlelwane bekhontrakthi ukuze babe nokufikelela kwiinkcukacha zomntu zobuqu. |
| Iinkcukacha zezonyango | Amaqela ezomthetho asebenza egameni leSebe lezoThutho eMpuma Koloni |
| Iinkcukacha zabasebenzi | Iibhanki kunye namanye amaqumrhu ezemali, abalawuli bengxowa-mali yomhlalaphantsi, imibutho yabasebenzi |

14.4. **Ukuhanjiswa ziye kwelinye ilizwe**

14.4.1. ISebe lezoThutho alikacwangcisi nakuphi na ukuhanjiswa kweenkcukacha zomntu zobuqu ziye kwelinye ilizwe. Nangona kunjalo, ukuba kuye kwafuneka ukuba kudluliselwe iinkcukacha zomntu zobuqu kwelinye ilizwe ngazo naziphi na izizathu ezisemthethweni, iSebe lezoThutho liya kuqinisekisa ukuba nabani na elidlulisela kuye iinkcukacha zomntu zobuqu kugqamane nomthetho, imithetho ebophelelayo yequmrhu okanye isivumelwano esibophelelayo nesinika inqanaba elaneleyo lokhuseleko, kwaye umntu ongomnye ochaphazeekayo uyavuma ukuphatha ezonkcukacha ngenqanaba elifanayo lokhuseleko njengelo leSebe lezoThutho nelinyanzelwa yi-POPIA ngalo.

14.4.2. Nakuphi na ukudluliselwa kwelinye ilizwe kweenkcukacha zomntu zobuqu kuya kuba nemvume yomntu ochatshazelwa yidatha okanye ukuba ukudluliselwa kuyimfuneko ekuqukunjelweni okanye ekusebenzeni kwekhontrakthi egqitywe phakathi kweSebe lezoThutho kunye nomntu ongomye ochaphazelekayo kwintshisekelo yomntu ochatshazelwa yidatha. Nangona kunjalo, ukuba akunakwenzeka ngokufanelekileyo ukufumana imvume yomntu ochatshazelwa yidatha, iSebe lezoThutho liya kudlulisela iinkcukacha zomntu zobuqu ukuba

ukudluliselwa kuya kuba luncedo kumntu ochatshazelwa yidatha kwaye umntu ochatshazelwa yidatha uya kunika imvume ukuba bekunokwenzeka ngokufanelekileyo ukufumana. imvume enjalo.

### 14.5. Amanyathelo oKhuseleko lweenkcukacha

14.5.1. ISebe lezoThutho lithe gqolo ukuseka kunye nokugcina amanyathelo afanelekileyo, obugcisa kunye nawequmrhu ngokuthatha amanyathelo okuthintela:

14.5.1.1. ukulahlekelwa, ukonakalelwa okanye ukutshatyalaliswa okungagunyaziswanga kweenkcukacha zomntu zobuqu; kunye

14.5.1.2. ukufikelela okanye ukuqwalaselwa kweenkcukacha zomntu zobuqu ngokungekho semthethweni.

14.5.2. ISebe lezoThutho lithathe amanyathelo afanelekileyo, njengoko kukhankanyiwe kwimihlathi 14.5.3 no-14.5.3, ukuze:

14.5.2.1. kuchongwe yonke imingcipheko yangaphakathi kunye neyangaphandle enokubakho kwiinkcukacha zomntu zobuqu ezikulo okanye eziphantsi kolawulo lwalo;

14.5.2.2. kusekwe kwaye kugcinwe iindlela zokhuseleko ezifanelekileyo ngokuchasene nemingcipheko echongiweyo;

14.5.2.3. kuqinisekiswe rhoqo ukuba iindlela zokhuseleko ziphunyezwa ngokufanelekileyo; kwaye;

14.5.2.4. kuqinisekiswe ukuba iindlela zokhuseleko zihlaziywa rhoqo ukumelana nemingcipheko emitsha kukhuseleko oluphunyezwe ngaphambili

14.5.3. Amanyathelo athathwe liSebe lezoThutho aquka:

14.5.3.1. Ulawulo lokuFikelela;

14.5.3.2. Ufihlo lweDatha;

14.5.3.3. Amanyathelo okuziKhušela;

14.5.3.4. Ukubeka iliso okuliqilima, ukuPhicotha kunye nokuNika iNgxelo ngezakhono;

14.5.3.5. Ugcino lweDatha;

14.5.3.6. Izisombululo ze-Anti-virus kunye ne-Anti-malware;

14.5.3.7. Ukuqonda kunye nokuQaphela; kunye

14.5.3.8. Nezivumelwano ezigqityiweyo nabasebenzisi ukuphumeza ulawulo lokhuseleko.

## 15. UKUFUMANEKA KWENCWADANA

15.1. Le Ncwadana iza kufumaneka ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni ezizezi:

15.1.1. IsiNgesi;
15.1.2. isiXhosa; kunye
15.1.3. nesiBhulu

15.2. Inguqulelo yesiXhosa nesiBhulu yale ncwadana iyaguqulelwa kwaye kulindeleke ukuba ifumaneke ngo-2026, kwaye iya kupapashwa kwiwebhusayithi yeSebe lezoThutho.

15.3. Inguqulelo yesiNgesi yale Ncwadana ifumaneka ngokukhawuleza ngolu hlobo lulandelayo-

15.2.1. kwiwebhusayithi: https://ectransport.gov.za;

15.2.2. kwi-ofisi kandlunkulu ukuze ihlolwe luluntu ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza;

15.2.3. kuye nawuphi na umntu ngesicelo nangentlawulo yomrhumo omiselweyo ofanelekileyo; kunye

15.2.4. nakuMlawuli weeNkcukacha ngesicelo

15.4. Umrhumo wekopi yeNcwadana, njengoko kuchaziwe **kwisiHlomelo C** uya kuhlawulwa ngefotokopi nganye eyenziweyo eyi-A4.

## 16. UKUHLAZIYWA KWENCWADANA

